



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2014**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 100**

---

Le memorandam inamaphepha ali – 9.

---

## **ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko.  
Bhala amagama angama290-340 kwisincoko ngasinye.

Kwisincoko ngasinye umfundsi makabonise isakhiwo esifanelekileyo, umongo, uyilo, isimbo nolwimi olufanelekileyo.

### **UMBUZO 1**

Isincoko esibalisyalo/esichazayo/esiqiqisayo.

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makabhale ngebali/isiganeko esenzekileyo okanye esiqwetyiwego.
- Isakhiwo sebali masidlwengule umxhelo sikholeleke.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo amaxa amaninzi, usenakho nokusebenzisa ixesha langoku.
- Mawubhalwe ngokudlwengula umxhelo umhlathi wokuqala oyintshayeleo.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomviwa zamkelekile.)

**[50]**

### **UMBUZO 2**

Isincoko esixoxayo/esigxeka-sincoma.

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Masityekele kwicala elinye.
- Makubekho ukuxhaswa okanye ukuchaswa koluvo oluthile olukhabana nolunye.
- Maluxoxelwe ngokupheleleyo uluvo ngalunye.
- Makaphele ethatha icala elithile umviwa adandalazise nesizathu sokuba enze oko benzise izigaba zentetho ngokukuko.
- Makavakalise olwakhe uluvo umviwa.
- Masibe nesakhiwo esibunjwe ngobunono.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomviwa zamkelekile.)

**[50]**

### **UMBUZO 3**

Isincoko esichazayo/esibalisyalo/esicamngcayo.

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makachaze into ukudlwengula umxhelo.
- Makachonge amagama ngobunono ukufezekisa isiphumo sakubhalayo.
- Makasebenzise imifanekiso ngqondweni yokubonwayo, okuvakalayo, okungcanyulwayo, nokuphathwayo.
- Makasebenzise izigaba zentetho ngokukuko.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomviwa zamkelekile.)

**[50]**

**UMBUZO 4**

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esiqiqisayo.

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makabhale ngebali/isiganeko esenzekileyo okanye esiqwetyiwego.
- Isakhiwo sebali masidlwengule umxhelo sikholeleke.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo amaxa amaninzi, usenakho nokusebenzisa ixesha langoku.
- Mawubhalwe ngokudlwengula umxhelo umhlathi wokuqala oyintshayeleo.

(Naziphi ezinye iimbono ezipemxholweni ezinokuza nomviwa zamkelekile.)

[50]

**UMBUZO 5**

Isincoko esivelela amacala omabini/esichazayo/esicamngcayo.

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Masilungelelwaniswe sivelele zonke iinkalo.
- Masicwangcwiswe ngobunono isakhiwo saso size sicaciswe.
- Makangathathi cala umviwa nangona enakho ukuvakalisa olwakhe uluvo.
- Mazixoxelwe ngokuvokothileyo nokuvakalayo izimvo.
- Makaubekho isiphelo esisulungekileyo nesishiya umfundi engenantandabuzo ngoluvo lombhali.

(Naziphi ezinye iimbono ezipemxholweni ezinokuza nomviwa zamkelekile.)

[50]

**UMBUZO 6**

Isincoko esichazayo/esibalisayo/esicamngcayo.

Umviwa kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makachaze into ukudlwengula umxhelo.
- Makachonge amagama ngobunono ukufezekisa isiphumo sakubhalayo.
- Makasebenzise imifanekiso ngqondweni yokubonwayo, okuvakalayo, okungcanyulwayo, nokuphathwayo.
- Makasebenzise izigaba zentetho ngokukuko.

(Naziphi ezinye iimbono ezipemxholweni ezinokuza nomviwa zamkelekile.)

[50]

**UMBUZO 7**

Isincoko esibalisyalo/esichazayo/esiqqisayalo.

Umviva kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makabhale ngebali/isiganeko esenzekileyo okanye esiqwetyiwego.
- Isakhiwo sebali masidlwengule umxhelo sikholeleke.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo amaxa amaninzi, usenakho nokusebenzisa ixesha langoku.
- Ma wubhalwe ngokudlwengula umxhelo umhlathi wokuqala oyintshayevelo.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomviwa zamkelekile.) **[50]**

**UMBUZO 8**

Isincoko esibalisyalo/esichazayo/esiqqisayalo.

Umviva kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makabhale ngebali/isiganeko esenzekileyo okanye esiqwetyiwego.
- Isakhiwo sebali masidlwengule umxhelo sikholeleke.
- Makasebenzise ixesha elidlulileyo amaxa amaninzi, usenakho nokusebenzisa ixesha langoku.
- Mawubhalwe ngokudlwengula umxhelo umhlathi wokuqala oyintshayevelo.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomviwa zamkelekile.) **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## **ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 ukuya kwali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

### **UMBUZO 9**

#### **Ileta esesikweni**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Ineedilesi ezimbini (eyokuqala yeyombhali weleta, eyesibini yeyalomntu ubhalelwayo).
- Iidilesi zilandelwa sisibuliso.
- Isibuliso silandelwa ngumcimbi engawo incwadi.
- Kulandela isiqu seleta.
- isiphele esichanekileyo.

[25]

### **UMBUZO 10**

#### **I-OBHITSHUWARI**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Igama nefani yalo mntu uswelekileyo.
- Umhla azalwa ngawo, indawo awazalelwya kuyo namagama abazali bakhe.
- Imfundu yakhe neendawo aphangele kuzo.
- Unobangela wokusweleka kwakhe;ukuba ugulile imbali yokugula kwakhe.
- Abantu abashiya ngasemva.
- Amazwi okumkhapha, mhlawumbi nezibongo zakhe.
- Sebenzisa ulwimi oluhloniphayo.

[25]

### **UMBUZO 11**

#### **INTETHO**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Mabachaze ngokufutshane umba abhala ngawo kodwa ucace.
- Mabagqithise umyalezo uvakale.
- Mabashwankathelle ngokucacileyo bangayigqwethi into eyinyaniso.
- Mabanike isihloko esicacileyo nesivakalayo baze bongeze nesihlokwana sicacileyo.
- Mabaqale ngokona kubalulekileyo umzekelo, ngubani, yintoni, nini, phi, kutheni, kangakanani.
- Isiphele esichanekileyo.

[25]

## **UMBUZO 12**

### **INQAKU ELIYA KUMHLELI**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa kwenqaku eliya kumhleli wephephandaba.
- Umhla elibhalwe ngawo.
- Uchaze ngokufutshane umba obhala ngawo kodwa ucace gca.
- Ugqithise umyalezo wakho uvakale kulowo umbhalelayo.
- Izimvo ngobungozi bokusebenzisa iziyobisi.
- Ubungozi bokungamameli izilumkiso zabantu abadala.
- Ushwankathole ngokucacileyo ungayigqwethi into eyinyaniso.
- Unike isihloko esicacileyo nesivakalayo uze wongeze nesihlokwana esicacileyo.
- Uqale ngokona kubaluleke kakhulu: umzekelo ngoobani, yintoni, nini, phi, kutheni, kangakanani.
- Isiphele esichanekileyo.

**[25]**

## **UMBUZO 13**

### **UDLIWANO-NDLEBE**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Ziphe amagama izithethi.
- Indawo oluqhube ka kuyo olu dliwano-ndlebe.
- Intshayebole mayitsale umdla.
- Makabuzwe umbuzwa imibuzo.
- Mababhale amagama ezithethi kwicala elisekhohlo.
- Mabashiye umgca phakathi kwezithethi
- Isiphele esichanekileyo.

**[25]**

## **UMBUZO 14**

### **INGXOXO YABABINI**

Kulindeleke ukuba umviwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Mayibe phakathi kwabantu ababini nangaphezulu.
- Mabayibhale ingxoxo njengoko isenzeka.
- Mabashiye umgca ukwahlula phakathi kwentetho yezithethi.
- Mabawubhale kwizibiyeli umyalezo phambi kokuba amagama athethwe.

**[25]**

<b>AMANQAKU ECANDELO B (25 x 2):</b>	<b>50</b>
<b>AMANQAKU EWONKE:</b>	<b>100</b>

**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha izincoko (Zephepha lesi-3, ICANDELO A).
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlulahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu aphambili.
- Kwiikhrayitheriya yoMxholo, ULwimi NeSimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlulahlulwe lanomgangatho ongentla nongezantsi
- yanemimandla yamanqaku ahabelana nomgangatho ngamnye.
- Ikhayitheriya yeSakhiwo yona ayichaphazeleki ngumgangatho ongentla nongezantsi.

**IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO ZOLWIMI LWASEKHAYA [50 AMANQAKU]**

Ikhayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
	27–30	22–23	15–17	9–11	3–5
<b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b> (Impendulo nezimvo) Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko  <b>30 AMANQAKU</b>	<b>Umgangatho ongentla</b>  -Impendulo ebalaseleyo enomtsalane, ngaphaya kobekulindelekile -Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko -Isincoko sibekelwelwe ngobuchule obungahelekanga kwaye intshayebolelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamatelwano olunemfezeko	<b>27–30</b>  -Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu -Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umda, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo -Lingcamango zibekelwelwe ngokwakhelanayo kuquka intshayebolelo, isiqu nesiphelo	<b>22–23</b>  -Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo -Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguqula ukucinga kofundayo -Lingcamango zibekelwelwe ngokunamateleneyo kuquka intshayebolelo, isiqu nesiphelo	<b>15–17</b>  -Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamatelwano kwizimvo -Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko -Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamatelwano Iweengcamango	<b>9–11</b>  -Impendulo ayikho mxholweni konke konke -Izimvo zibondene azigqalanga ntweni -Azivakali izimvo kwaye ziaphindaphindwa/ uthetha into enye -Lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelwelwano
		<b>24–26</b>  -Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasela kubhekele phi kwisincoko -Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga -lingcamango zibekelwelwe zandindaniswa ngobugcisa kuquka intshayebolelo, isiqu kunye nesiphelo	<b>18–21</b>  -Impendulo ixonxwe ngobugcisa -Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umda -Sibekelwelwe ngobuchule, kukho ukunamatelana kweengcamango okuquka intshayebolelo, isiqu nesiphelo	<b>12–14</b>  -Impendulo iyanelisa nangona kumana kubakho ukungacaci kwiindawo ezithile -Kukho ukunamatelana okubonakalayo kwizimvo kwaye kuyanelisa -Kukho ukubekelela kweengcamango nonamatelwano kwintshayebolelo, isiqu nesiphelo	<b>6–8</b>  -Impendulo iphumile emxholweni ubukhulu becal -Izimvo ziyaqhawu-qhawuka ziayabhidisa -Buyanqaphazeza ubungqina bokubekelela kweengcamango nonamatelwano

## IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO ZOLWIMI LWASEKHAYA [50 AMANQAKU] (continued)

Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
	14–15	10–11	6–7	2–3	0
<b>ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA KUNYE NOKUHLELA</b> Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kunye nemeko Ukhetho-magama Ukusetyenziswa kolwimi nesigama limpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopol <b>15 AMANQAKU</b>	<b>Umgangatho ongentla</b>  -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene ngokugqwesileyo nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kune nemeko -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithembba, luyathabathekisa -Ithoni enomtsalane nezafobe zentetho eziphumeza injongo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kune nemeko -Ulwimi luchaneke ngakumbi kwaye ithoni isetyenziswe ngokuchaneka kwisincoko siphela -Iziphene zokusetyenziswa kolwimi nopol zinqongophele -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kune nemeko -Ulwimi olufanelekileyo ludlulisa umyalezo -Ithoni ifanelekile -Izafobe zentetho zinonga umxholo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama azifanelananga ncum nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kune nemeko -Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka -Ithoni nochongo magama azifanelekanga -Isigama sinqongophele	-Ulwimi aluvakali -Ithoni, irejista, isimbo, isigama asifanelananga kwaphela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kune nemeko -Ukunqongophala kwesigama kubaxe kile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliweyo
	<b>12–13</b>	<b>8–9</b>	<b>4–5</b>	<b>0–1</b>	
	<b>Umgangatho ongezantsi</b>  -Ulwimi luchanekile kanye nezafobe zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo, nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala -Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala -Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kune nopol -Sixonxwe ngobugcisa	-Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa asekho amakhwiniba -Ithoni ifanelekile kodwa izafobe zentetho ezisetyenzisiweyo zinqongophele	-Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye -Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintsha-tshintshwa -Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo	
<b>ISAKHIWO</b> limpawu zetekisi Ukukhula kwemihlathi nokwakhiwa kwezivakalisi <b>5 AMANQAKU</b>	<b>5</b>  -Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo -linkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqisiska ngokugqwesileyo	<b>4</b>  -linkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelanayo -Izimvo zinamathelene -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuiale -Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo	<b>3</b>  -linkcukacha ezisemxholweni zikhuliswe -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuiale -Isincoko sibunjwe ngengqiqo	<b>2</b>  -Zikho iingcamango ezamkelekileyo -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba -Isincoko sisenayo ingqiqo	<b>0–1</b>  -lingcamango ezifunekayo zinqongophele -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko -Isincoko asinangqiqo
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>40–50</b>	<b>30–39</b>	<b>20–29</b>	<b>10–19</b>	<b>0–9</b>

## IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]

Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
	12–15	9–11	6–8	4–5	0–3
<b>UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI</b> Ukungqala kwempendulo nezimvo Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kanye nemeko <b>15 AMANQAKU</b>	-Impendulo igqwesile idlule okuqhelekileyo -Izimvo ziqaqisisiwe kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Umsebenzi ungqalile uhleli emxholweni -Kukho ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile	-Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -linkcukacha zixhassa isihloko -Ifomathi ifanelekile ineendawana ezingachanekanga ezingephi	-Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Izimvo ziyaphuma emxholweni kwaye kukho nokuggwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kufanelekile -Ezinye iinkcukacha zixhassa isihloko -Ifomathi ifanelekile kodwa kusekho ukungachaneki	-Impendulo ibonakalisa ulwazi olungephi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhassa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili isetyenziszwe ngokungaqondi -Kutyeshelwe izinto ezininzi	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi Iweempawu zolu didi Iwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo ide iphume emxholweni -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhassa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe
<b>ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b> Ithoni, irejista, isimbo, injongo/ ifuthe, abo kujoliswe kubo kanye nemeko Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo Uchongo magama iimpawu zokubhala kanye nopelo <b>10 AMANQAKU</b>	<b>8–10</b> -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziszwe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	<b>6–7</b> -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sichaneke kakhulu malunga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becalo akukho zimpazamo	<b>4–5</b> -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sihambelana nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo nomyalezo	<b>2–3</b> -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani nenjongo kwakunye nabantu ekujoliswe kubo kanye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo -Singqongophele isigama -Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo	<b>0–1</b> -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani nenjongo,imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala -Isigama asifanelananga nenjongo -Intsingiselo ilahleke kakhulu
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>20–25</b>	<b>15–19</b>	<b>10–14</b>	<b>5–9</b>	<b>0–4</b>